The KwaZulu-Natal Performing Arts Company
Declared in terms of section 3(1) of the Cultural Institutions Act, 1998(Act No 119 of 1998) on 01 April 2003
PO Box 5353, DURBAN, 4000, 29 Acutt Street, DURBAN, 4001, KwaZulu-Natal, South Africa
Tel: (031) 3699555, Fax: (031) 306 2166, Production Services Mayville, Tel (031) 208 4171 Fax: (031) 208 4162
email: info@playhousecompany.com; http://www.playhousecompany.com

THE PLAYHOUSE COMPANY

ISIMEMO SOKUFAK'ISICELO SENTSEBENZISWANO: INTENGISO YAMATIKITI – ISALATHISI PHC 58/2019

I-PLAYHOUSE COMPANY IMEMA ABANIKI-NKONZO ABAFANELEKILEYO UKUBA BAFAKE IZICELO ZOKUNIKA IINKONZO ZOKUTHENGISA AMATIKITI KWINDAWO ENGUNDOQO YEMIBONISO EZINZE KU-231 ANTON LEMBEDE STREET, DURBAN,NAKUYO NAYIPHI NA ENYE INDAWO ANOKUFUNEKA KUYO KWISITHUBA SEMINYAKA EMITHATHU

I-Playhouse Company liZiko leNkcubeko elibhaliswe phantsi kweCandelo lesi-3(1) loMthetho wamaZiko eNkcubeko, ka-1988 ngenjongo yokukhuthaza uBugcisa neNkcubeko kwiphondo laKwa-Zulu Natala.

Umsebenzi oza kwenziwa uquka ezi zinto zilandelayo:

- Ukunika inkxaso yokuthengiswa kwamatikiti kwiindawo zethu zokuthengisa amatikiti ezifana neendawo zodederhu lweevenkile nakwezinye iindawo.
- Ukunika ingxelo enabileyo yentengiso yamatikiti xa kuphela inyanga.
- Ukumanya ikhasi le-web lasePlayhouse nezinye ii-website ukwenza izinto zibe lula kubaxhasi abafuna ukuthenga amatikiti kwi-intanethi.
- Ukukwazi ukunika inkxaso yobugcisa ngawo onke amaxesha yonke imihla (24/7/365).

Ezinye iinkcukacha ezibanzi malunga nomsebenzi oza kwenziwa zifumaneka kuxwebhu lwesiniki-maxabiso.

Izinto ezifunekayo kwabo baya kuthatyathwa njengabakulungeleyo ukunika ezi nkonzo zidweliswe apha ngezantsi:

• Kufuneka umniki-nkonzo abe nephepha-mvume elisemthethweni lokuthengisa amatikiti;
• Kufuneka abe ubhalisile kuVimba ongundoqo weeNkcukacha zabaniki-nkonzo kaNondyebo weZwelonke (C.S.D);
• Kunyanzelekile ukuba umniki-nkonzo abe nesiqinisekiso sokuhlawul'irhafu esisemthethweni okanye i-pin ekhutshwe ngabakwa-SARS;
• Kufuneka iingxelo zemali ezisandul'ukuphicothwa zeminyaka emi-3 edlulileyo;
• Izicelo mazisiwe ngqo kule dilesi ixelwe apha ngasentla.

Amaxwebhu eziniki-maxabiso afumaneka kwiOfisi eyiNtloko yasePlayhouse Company ezinze ku-29 Acutt Street ukususela ngentsimbi **ye-10h00 ngomhla wesi-08 kweyoMdumba ngo-2019**. Kuhlawulwa umrhumo ongabuyiswayo wemali eziinkozo engama-R 350 kuMnu. Sudesh Harilal (umnxeba 9443) ukuze lufumaneke uxwebhu lwesiniki-maxabiso.

Kuza kubanjwa indibano enyanzelekileyo yokuhlola isiza **ngomhla we-15 kweyoMdumba ngo-2019 ngentsimbi ye-10h00** kusasa ePlayhouse Company, 231 Anton Lembede Street, Durban kwigumbi iAlhambra.

Abaniki-nkonzo abanazo zonke izinto ezifunekayo ukuze bakwazi ukunika ezi nkonzo kuza kufuneka bayokunika ingcaciso ebanzi ngezicelo zabo ePlayhouse Company ngomhla osaza kuxelwa.

Umhla wokuvalwa kokungeniswa kwezicelo **ngowe-11 kweyoKwindla ngo-2019 ngentsimbi ye-11h00** ngentlazane. Izicelo ezifike emva kwexesha azisayi kwamkelwa. Izicelo mazifakwe kwimvulophu/ipakethe etywiniweyo zize zibhalwe ngokucacileyo ukuba ziya kwiNgqonyela yasePlayhouse Company, 29 Acutt Street, Durban 4001.

Xa unemibuzo nceda uqhagamshelane noMnu. Siya Manqele kule nombolo yomnxeba: 031- 369 9507 okanye kule dilesi ye-imeyili: accountingassistant@playhousecompany.com